



Inombolo yefayili: 19/3/3
Isalathiso: 20240221-1881

INGcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo: 0005/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaqquzeleli nakuBacebisi boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko anabafundi abakwi-FET band

Isihloko: Ukuphunyezwa kweSetyhula E06 ka-2022: Isikhokelo i-Guideline on the Quality Assurance of School-Based Assessment (SBA) for Grades 10-12 kunye neMigaqo yokuSebenza eMiselweyo (Standard Operating Procedures (SOP))

1. ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-DBE) ngomhla we-05 Apreli 2022, likhuphe iSetyhula E06 ka-2022: Isikhokelo i-Guideline on the Quality Assurance of School-Based Assessment (SBA), including Practical Assessment Tasks (PATs) and Language Oral Assessment, for Grades 10-12. Kutshanje kwakhona bekukhutshwe iMigaqo i-SOP eyenzelwe ii-SBAs kumaBakala 10-12 ehamba nesi sikhokelo liSebe i-DBE.
2. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo (DAM) 0006/2022, yomhla we-05 Meyi 2022, apho kukhuthazwa izikolo ukuba zisebenzise esi sikhokelo ukwenzela ukuphucula imigaqo-nkqubo yokumodareyithwa kovavanyo neenkqubo zovavanyo. Ngaphezulu, iNgcaciso eMfutshane ye-DAM 0020/2023, yomhla we-24 Novemba 2023, yacacisa iziphumo zasemva kokumodareyithwa kwee-SBAs zeBakala 12 ngo-2023.
3. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukucela izikolo, izithili namagosa ekharityhulam novavanyo ephondo ukuba baphumeze inkqubo engendlela yokuqinisekiswa komgangatho ephelileyo ecaciswe kwiSikhokelo i-Guideline on the Quality Assurance of School-Based Assessment (SBA) for Grades 10-12 (makufundwe **isiHlomelo A**) kwakunye ne-SOP (makufundwe **isiHlomelo B**). Iinkqubo ezingaphezulu zokunika inkxaso nokuxoxa kuvunyelwane ngale nkqubo, ziya kuqhubeka ngokwemiyalelo yeSebe i-DBE.

4. Injongo yesikhokelo kukuba siphunyezwe ngokuqhubekayo kuwo onke amanqanaba enkqubo yezemfundo ukwenzela ukulawulwa nokuqinisekiswa komgangatho wovavanyo kuzwelonke ngokubanzi. Ingxelo engaphezulu ngokuqhubekayo malunga neSikhokelo kunye ne-SOP iya kunikwa ngamasebe emfundo amaphondo kwiSebe i-DBE engadlulanga u-Agasti 2024
5. Ziikhomponenti ezintlanu ezingundoqo zokuhlola ukubasemgangathweni kovavanyo ezithathelwe ingqalelo kwisikhokelo:
 - (a) Isistim ye-SBA kufuneka ihlolwe ukumisela ukusebenza kwayo;
 - (b) Kubalulekile ukumodareyithwa kwangaphambili kwemisebenzi yovavanyo
 - (c) Ukubekwa esweni kolawulo lwemisebenzi yovavanyo (ii-SBAs, ii-PATs, nee-Orali);
 - (d) Kubalulekile ukumodareyithwa kwemisebenzi yabafundi ebubungqina ; kunye
 - (e) Nokubekwa esweni ukuba ukunika ingxelo ngokuqhubekayo kwenziwa ngexesha elichanekileyo yaye inikwe bonke abachaphazelekayo.
6. Imisebenzi yoqinisekiso lomgangatho neenkqubo zokumodareyitha zibalulekile ukwenzela ukuvavanya imisebenzi yenkqubo yezemfundo kuwo onke amanqanaba (esikolweni, kwisithili nakwiphondo) nokukhusela ukugqibelela nokuthembeka kwemisebenzi yee-SBAs, yee-PATs nee-Orali kumaBakala 10-12.
7. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba iintloko zamacandelo/iinkokeli zezifundo nabanqwenela ukuba ziinkokeli, bathathela ingqalelo iSikhokelo ne-SOP yaye bakulandele okumiselwe kuzo ukuqinisekisa ukwenziwa kweenkqubo zoqinisekiso lomgangatho eziyimpumelelo ezikolweni zabo.

SAYINA: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO

UMHLA: 2024-03-26